



INgulube neNgonyama

South African Folktale
isiXhosa



African
Storybook.org

The logo for African Storybook.org features a white cloud shape with a yellow book icon inside. The text "African Storybook.org" is written in blue and black. The logo is set against a background of white clouds and a dashed white line.

Mandulo, kumahlathi ashinyeneyo
aseAfrika, kwakukho indawo
ekwakuhlala kuyo izilwanyana.

Ingonyama yayisesona silwanyana
somelele kunazo zonke izilwanyana.

Yayisoyikwa zizo zonke ezinye
izilwanyana kuba yayizitya.

Ngaminazana ithile, iNgonyama yathi
izingela yabambeka emgibeni
womzingeli.





Ingonyama yaxhuzula yatsala igquma
ibambekile.

Yayizama ukuzikhulula kulo mgibe
eyayibopheleleke kuwo.

Yatsho yancama kodwa ayizange ikwazi
ukuzikhulula.

Wasuka wabopheleleka ngamandla lo
mgibe wawuqinisa ngakumbi umlenze
wayo.

Kwadlula iintsuku itshiswa lilanga
ilambile iNgonyama. Yayibilile, ityhafile,
ixwebe nomlomo lo kukulamba.

Ebusuku yayifunyanwa yingqele kuba
yayingakhuselekanga emqolombeni
apho ilala khona xa kusebusuku.

Yayisiya ityhafa ngokutyhafa iphelelwe
nalithemba. “Kwowu, yhini ukuba ndifele
kulo mgibe liphango nonxano?”
yatsho iNgonyama ilusizi.





Ngenye intsasa, iNgonyama yeva ingxolo
kude kufutshane. Yaphakama.
Yamamela. Yaqwalasela.

Yabona iNgulube yasendle embi kakhulu
ihamba nomhlobo wayo.
UNgulube nomhlobo wakhe babesiya
kuseza abantwana babo amanzi
kumthombo okufutshane apho.

“Sizakuqubha eludakeni phambi kokuba
litshise ilanga,” babencokola bonwabile.

“Ngulube! Ndincede! Ngulube!
Ndincede!” yakhala ikhwaza iNgonyama.
“Ndikhulule ndibambeke emgibeni,”
yacenga iNgonyama.

“Soze ndikuncede ukhohlakele kangaka.
Ngubani owaziyo ukuba awuyi kunditya
nabantwana bam xa ndikukhulule?”
yabuza iNgulube.

“Ndiyathembisa andinakho ukwenza into
embi ngolo hlobo. Siya kuba ngabahlobo
xa unokundikhulula,” yatsho iNgonyama.





INGulube yayisizela iNgonyama.
Yakhalipha yakhulula iNgonyama
isebenzisa amabamba wayo amade
nawomeleleyo.

Yayingathandi ukubona iNgonyama
isezintlungwini, inxaniwe isifa
naliphango.

Yaba nobuhlobo iNgulube.

“Enkosi kakhulu Ngulube mhlobo wam omtsha. Ndiyahamba ngoku ndiya kusapho lwam. Usale kakuhle,” yatsho iNgonyama ibulela.

“Kulungile Ngonyama, uhambe kakuhle,” yatsho iNgulube ivuyela ukwakha ubuhlobo nesona silo someleleyo.

Kaloku ngoku yayizakuphumla ingoyiki ukuhlaselwa yiNgonyama.





iNgonyama yahamba iqhwalela ityhafile.
Yayiphelelwe ngamandla kwaye unyawo
lwayo lwalubuhlungu.

Yayilambe kakhulu iNgonyama. Yabona
abantwana beNgulube bedlala eludakeni.

“Ndibonwa yintoni kweli phango?” yatsho
ivuza izinkcwe iNgonyama.

Yacinga icebo lokuqhatha iNgulube.

“Hhe mhlobo wam omtsha Ngulube!”
yakhwaza iNgonyama.

“Ndilambile, ndityhafile kwaye
andinamandla okuzingela. Kudala
ndibambeke emgibeni ndingakwazi
ukuzingela. Khawundiphe umntwana
omnye kwaba bantwana bakho baninzi
ndimtye ukuze ndomelele.”

Yamangaliswa ingulube yathi,
“Ngonyama! Yhini inkohlakalo engaka?
Ungumhlobo onjani lo ofuna ukutya
omnye wabantwana bam?”





“Ndenziwa yindlala mhlobo wam,” yatsho iNgonyama.

“Ukuba awundiniki omnye wabantwana bakho ndiyakuzithathela abemnye. Ndingabe ndityhafile okwangoku, kodwa ndisenamendu kwaye ndomelele kunawe. Ndinamazinyo neenzipho ezibukhali,” yatsho iNgonyama.

Yaveza loo mabamba wayo made nezo nzipho zayo zibukhali.

INgulube yothuka isoyika. Yayingenawo amandla okukhusela abantwana bayo kwiNgonyama.

Yacinga icebo lokuyiqhatha iNgonyama ukuze isindise abantwana bayo.

“Kulungile ke Ngonyama,” yatsho iNgulube.



“Ndiyakukunika omnye wabantwana bam. Phambi kokuba ndikunike umntwana qala undibonise indlela obubambeke ngayo emgibeni. Kaloku ngekhe wazi, mhlawunmbi kungafuneka ndisindise nezinye iiNgonyama zosapho lwakho ezinokubambeka kulo mgibe zingacingelanga.”



iNgonyama yavumela phezulu
seyinethemba lesidlo esimnandi.

Noko yayilula le nto icelwa ngumhlobo
wakhe omncede kakhulu kangaka.

Yakhawuleza yaphindela emgibeni
iNgonyama.

Yafaka unyawo lwayo emgibeni
iNgonyama ibonisa umhlobo wayo
indlela ebibambeka ngayo.

“Awuuuuu!” yatsho ngesikhalo esikhulu iNgonyama.

Ithe isothuka iNgonyama wabe uvaleka umgibe. Kaloku uNgulube umqhathile uNgonyama.



Wawuvala ngephanyazo umgibe wambambisela uNgonyama.

“He ke! ndikufumene sikhohlakali ndini! Hlala emgibeni sibone amendu wakho azakunceda kusini na. Nezo nzipho zakho zibukhali sokuze zikuncede. Nditsho naloo mabamba wakho abukhali awanakho ukukunceda,” yatsho iNgulube ibhekela kude ibaleka.



“Baleka, baleka!” wakhwaza watsho umhlobo kaNgulube.

Waphethuka wakhwaza nabantwana bakaNgulube, “Balekani niphakamise imisila yenu xa nibaleka. Utata wenu kufuneka abone ngemisila yenu apho sibaleka khona,” wayalela loo mantshontsho umhlobo kaNgulube.

Nabo bebaleka abantwana beNgulube besinda engozini.

“Ngulube ndincedel!” yacenga yatsho kwakhona iNgonyama isiva iintlungu zokutshona komgibe elunyaweni lwayo.

“Ndakukwenzela yonke into oyifunayo xa nje unokundikhulula.”

“Owu xoki ndini, ucinga ndingaphinda ndikukholelwe?” yabuza iNgulube ibaleka isiya ebantwaneni bayo.

“Ndiyakuzilumkisa nezinye izilwanyana ngamaqhinga wakho.”





INGulube yabona imisila yeNgulube
engumhlobo wayo naleyo
yamantshontsho wayo ingumngcelele
ibonakala ngaphezu kwengca.

Yakhawuleza yaya kufika ebantwaneni
bayo kuba kwakulula ukubabona apho
bakhoyo.

Kunanamhla iingulube nabantwana bazo
zibaleka ziphakamise imisila ukuze
kubonakale ukuba zikhuselelike
kwiingonyama.



INgulube neNgonyama

Writer: South African Folktale

Illustration: Wiehan de Jager

Language: isiXhosa



© African Storybook Initiative, 2015



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org
A Saide Initiative